Umanyano! Basebenzi Abantsundu!!

Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.

Amanzi e Africa makahlokome
Ilizwi le Sizwe lizwi lika Tixo
Indlela mazihlwayele umanyano
Olusuka apa lume ngo Tukela.

Umanyano! Basebenzi Abantsundu
Ndinqatyelwe ngamafuta nemb'ola
Masenze mafupi ukuze sivane
Sixoze indima eyakususana.

Inkundla zamatyala ziwuchitile
Umvalo webala kubasebenzi
Livumba ke elo libinze ngomkonto
Izizwe ezintsundu mazidibane.

Ziyazingela zona i Palamente
Izakusicinezela imiteto
Lumkani ke kuyiwa ezibukweni
Xa ningenayo nje nentsimbi yomqala.

Izizwe Ezintsundu mazidibane
Livakale ilizwi labasebenzi
Lenze nomngqungqo Esangweni e Ziyon
Kuba asitakati asina kutsha.

Livakale ilizwi labasebenzi
Bawafumane amalungelo abo
Qhubani impucuko nzalo ka Palo
Bantwana botutu lwakude e Afrika.

I Palamentete zona ziyazingela
Zipina Inkokeli zomzi ontsundu
Igxalaba elitwele izigxeko
Ukuze tina siqwale isitsaba.

Umanyano nje lwenene lungamandla
Mz! wamanene ondliwe ngamanene
Obawo bafungwa nango sebeleni
Taru basebenzi bendonga ze Afrika

Tyap'ubeko Professor D. D. Jabavu
B.A. enobugqi benyamakazi
Ufakwe upau usisinyaniso
Utete e Monti watsho wandosela.'

Up'ale usop'a usenz' iziqonga
Zobum' esikubo tina ma Afrika
Wawela kakade ilwandle nge lwandle
Ntloyiya onendlu wase majonjweni,

Siyacinezelwa! Siyapambili! Taru
Nengqondo ngokunjalo iyapambili
Utsho u Professor D. D. Jabavu
Ozingela nabayame ngentaba

Zulu, Mxosa, Msutu, Swazi nawe Bala
Nonke niyamenywa akuko salelo
Sizwe sini sona esi silubisi
Lungasafikiyo nasezimvabeni.

Umanyano! Basebenzi Abantsundu
Niwafumane amalungelo enu
Ke nigqibe amablongo entliziyo
Ninge ningabelungu kanti yingqondo,
Yayingemnyama kade ingqondo yenu
Nayiposa indlela ngokuvalelwa
Huku! Ke namhla nje nkomo zika Palo.
Niwabandeze amanxiwa ka Tshiwo.

Igqira lendlela Dr. Rubusana
Into elila ekumbini lentaba
Uti impumelelo ye Sizwe mayakelwe
Pezu-kwezona nkokeli ezizizo;

Litsho? Igqira into ka Rubusana
Evungame kwamangala nenkau
Kuq'ubeni ukuteta kubambe
Awu! Ndakhubeka ndibeka emlungwini.

Umanyano! Basebenzi Abantsundu
Inkokeli mazambat' izidabane
Zingahlazeki xa zifun' ukutoba
Awu; Imali yam ndiyitye ibhotile.

Umanyano! Basebenzi Abantsundu
Nike nakubona ukucitakala
Ngoku omke namanzi angalilelwa
Nezinto ziyadamba zike zanzima.

Umanyano! Umanyano! Basebenzi
Lontombi yala abantu imbi nayo
Ayide ivume ukuza emzini
Ikangele ukoselwa iziselwa.

Umanyano nje lwenene lungamandla
Ngumzi osetunzini pantsi kwelanga
Lunyangeni nilubhule ngemiti
Andaliwa soka ndaliwa ngunina.

Camagu! Awu